
# UNwelezelanga namabhere amathathu



UMbhali: Angelique Twiss Imizobo: Helga Hoveka



Isidudu sasishushu kakhulu.




Ngoko ke amabhere amathathu ahamba-hamba.



UNwelezelanga wabona indlu yamabhere.

Wangena ngaphakathi.



UNwelezelanga wangcamla zonke izidudu ezityeni zamabhere. “Ndiyasithanda esi sidudu, silunge kakuhle,” watsho.



UNwelezelanga wachopha
kuzo zonke izitulo zamabhere.
“Ndiyasithanda esi situlo,
silunge kanye,” watsho.
Hayibo, sophuka isitulo!



UNwelezelanga walala kuzo zonke iibhedi zamabhere. “Ndiyayithanda le bhedi, ilunge kakuhle,” watsho. UNwelezelanga wabiwa bubuthongo.

Amabhere amathathu abuyela ekhaya.




“Ngubani otye isidudu sam?” watsho uMam’uBhere.

“Ngubani owaphule isitulo sam?” watsho uBhabha Bhere.





Amabhere amabini anyuka
aya kwigumbi elingasentla.
“Ungubani?” watsho
uTat’uBhere.



UNwelezelanga wawabona amabhere waze woyika kakhulu! Wabaleka, wabaleka, wabaleka wagoduka.



© 2015 Wordworks